URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 19/2/1
Isalathiso: 20240911-6675

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0018/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukuthatha inxaxheba ekusayineni isithembiso *(pledge)* nemvumelwano yokuzibophelela enxulumene nokubhalwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngowama-2024**

1. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zilawulwa yaye ziqhutywa ngokwemimiselo eyi-*Regulations pertaining to the conduct, administration and management of the National Senior Certificate examination,* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 31337 nge-29 Agasti 2008 nefakelwe izilungiso ngowe-30 Apreli 2019, esebenza kumabhunga ovavanyo karhulumente nazimeleyo avavanya nangabevi beNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke, kumaBakala R–12.

2. Nasiphi na isenzo sokutenxa okanye ukwaphulwa kwale mimiselo ngumviwa ongenela iimviwo ze-*NSC* singakhokelela ekubeni iziphumo zabo zoviwo zaziswe njengezililize nento engekhoyo (*null and void*). Kunyanzelekile ke ngoko ukuba bonke abaviwa bayazi le migaqo nemimiselo.

3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) licela ukuba abaviwa ababhalisele iimviwo ze-*NSC* ngoNovemba 2024 mabasayine **isithembiso nemvumelwano yokuzibophelela** yokuthotyelwa kwemigaqo yokuziphatha kwiimviwo.

3.1 Imvumelwano yokuzibophelela (*commitment agreement*) ichaza uluhlu olucacisiweyo lwemigaqo nemimiselo engundoqo enxulumene neemviwo ze-*NSC*, kwakunye noluhlu lwezitenxo ezinokwenzeka ngethuba lokubhalwa kweemviwo.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

3.2 Kucelwa bonke abaviwa nabazali okanye abagcini babaviwa ukuba basayine **iMvumelwano yokuZibophelela (isiHlomelo A)** phambi kokuba kuqale iimviwo.

3.3 Iimvumelwano zokuzibophelela ezisayiniweyo mazigcinwe esikolweni njengenxalenye yeerekhodi zesikolo zomviwa ngamnye.

4. Izikolo mazenze ikopi **yeSithembiso soViwo lwe-NSC (*NSC Examination Pledge*) (isiHlomelo B )** yomviwa ngamnye weBakala 12 ukulungiselela indibano *(assembly)* ngo-Oktobha 2024. Isithembiso sokuzibophelela esiyintsusa masihlale kuye wonke umviwa ngethuba lokuqhutywa kweemviwo ze-NSC zango-2024.

5. ISebe i*WCED* licela izikolo ukuba:

5.1 zibambe indibano (*assembly*) phakathi kowe-07 Oktobha nowe-11 Oktobha 2024 ukulungiselela bonke abaviwa beBakala 12 njengenxalenye yenkqubo yoqheliso nokulungiselela ukubhala kwabo iimviwo ze-*NSC*;

5.2 ziqinisekise ukuba inqununu yenza intetho yokucacisela abaviwa beBakala 12 ngemigaqo yokuziphatha kuviwo ekufuneka beyifundelwe abaviwa; kunye

5.3 ukuqinisekisa ukuba amalungiselelo awodwa esikolo/eziko lokubhalela iimviwo kufuneka enziwe angqinelane *neMimiselo* yaye kuya kuxoxwa ngayo baze bacaciselwe nabaviwa ngokunjalo. Iimeko ezimalunga noviwo emakujongwane nazo ziquka:

- ukugcinwa kweedivayisi ezingavumelekanga (kuqukwa neeselula);
- ukufunyaniswa kwabaviwa bephethe izixhobo ezingavumelekanga;
- ixesha lokufika esikolweni/kwiziko lokubhalela iimviwo neeprothokholi zokwamkelwa kwabaviwa (*admission protocols*) eziya kuphunyezwa;
- ukunxitywa kweyunifom yesikolo (*school uniform*);
- ukukuphepha ukwabelana ngamaphepha emibuzo avela kwiindawo ezingaziwayo kwii-*WhatsApp groups*; kunye
- neemfuno ezimiselweyo zezinto zokubhala nokubhaliswa kweedivayisi.

5.4 Makucelwe abaviwa ukuba bafunde Isithembiso sokuzibophelela ngokuvakalayo baze bavunyelwe basisayine.

5.5 Izikolo mazazise abaviwa ukuba ukusayinwa kwesithembiso sokuzibophelela kwenziwa ngokuzithandela, yaye abaviwa abayi kunyanzelwa ukuba basayine.

6. Kucetyiswa ukuba isithembiso nemvumelwano yokuzibophelela (*pledge and commitment agreement*) sitshintshwe apha naphaya yaye sidluliselwe nakubafundi bamaBakala 10 no-11 ukuqinisekisa umgangatho ofanayo wokuqhutywa kweemviwo kwiSigaba seMfundo noQeqesho oluQhubelekayo.

7. Bonke abaviwa kuya kufuneka ukuba bazalise irejista eyi-***Grade 12 NSC Register for Electronic Devices*** **ze-*NSC* kwiBakala 12 (isiHlomelo C)**, eya kulawulwa sisikolo. Irejista iya kufuna ukuba bonke abaviwa barekhode zonke iinkcukacha zeselula okanye nayiphi na enye idivayisi ye-elekhtronikhi (*electronic device*), abaya kuyisebenzisa ngethuba leemviwo ukususela ngowe-21 Oktobha ukuya kowe-28 Novemba 2024.

8. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yabaviwa beemviwo ze-*NSC* zango-2024 malunga nalo mba.

9. Kucelwa okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane kwaziswe bonke abachaphazelekayo kwiimviwo ze-*NSC* ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-09-16